

# UKUSETYENZISWA KWESIXHOSA

KwiBanga LesiThandathu kude kuye kwelesiBozo



NGU-M. M. NDAMASE B.A. (D.V.T.)

NO-S. NGOMTI B.A. (D.V.T.)

A 496.371105 NDA

No. 59/829

BAA 496.371105 NDA



This book was presented by

Library of Parliament

1955

to the Library of the University of  
Cape Town.

2. Max Bok  
asked 25/7/54

D 174/55

213

# Ukusetyenziswa KwesiXhosa

*KwiBanga LesiThandathu kude kuye kwelesiBozo*

NGU-M. M. NDAMASE

NO-S. NGOMTI



VIA AFRIKA BOOK STORE  
Bloemfontein

## INTSAYELELO

Le ncwadana isisiqhamo somsebenzi wokufundisa nokuva kwizikolo zaBaNtsundu iminyaka emininzi. Kumava ethu siyifumene inkulu imfuneko yencwadi elolu hlobo ukukhokela umthinjana nomlisela kweyona ndlela isulungekileyo yokuse-tyenziswa kwesiXhosa.

Le ncwadi ilungele abafundi bebanga lesithandathu kude kuye kwelesibozo.

Siya mbulela uGqira R. H. W. Shepherd umphathi wesikolo saseLovedale ngokusivumela ukuBa sicaphule kwezinye iincwadi ezificilelwe eLovedale, kwa ndawo nye noMnu. J. J. Jolobe, wesikolo seBayibile saseLovedale.

Ngokunjalo siya libulela iSebe leMfundo laseKoloni ngokusivumela ukuBa sicaphule imibuzo embalwa kumaphepha eemviwo zalo.

Umbulelo wethu mkhulu kumHloli—zikolo uMnu. H. W. Pahl, othe wathabatha inkxamleko yokuyifunda le ncwadi phambi kokuBa ificilelwe.

Singebi siwufezile umsebenzi wethu ukuBa asimbulanga uMnu. A. Madala, obesakuBa ngumveleli—zikolo, osele ngumphumli, ngokugabula izigcawu.

Sithi abenu enkonzweni.

M. M. NDAMASE B.A. (D.V.T.)

S. Ngomti B.A. (D.V.T.)

A 496.371105 NDA

59/829

## UMSEBENZI 1

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Imoto kabawo.
- (b) Ixe a lokuvuna kwilali yakowethu.

### OKANYE

(c) Balela umhlobo wakho umbalisele ngombalekiso wamahafe obe usandula ukuwubukela.

2. Bathi ni na ukubizana aaba bantu balandelayo?  
Umzekelo: Umntwana uthi, "malume" kumnakwabo-nina:

- (i) Umntwana kumninawa kayise.
- (ii) Umfana kuyise womfazi.
- (iii) Umfana kunina womfazi.
- (iv) Umntwana kudade-bonina.
- (v) Umfazi kuyise wendoda.
- (vi) Umfazi kunina wendoda.

3. Lungisa iziphoso kwezi zivakalisi zilandelayo:

- (i) Ukwenyelisa umhlobo phakathi kweentjaba akulunganga.
- (ii) Incokazi yakowethu inika ubisi oluninzi.
- (iii) Le nkwenkwe iqabele ihafe elimaka.
- (iv) Lo nongqovu wale nkwenkwe uske andibethe ndakuthetha.
- (v) Noko ngathi umkhuluwa wam asoze abuye eKapa kambe ngumfo osleje.
- (vi) Udonga lwale ndlu lineentanda.

4. Lungisa iziphoso kwezi zivakalisi zilandelayo:

- (i) Waya akabi sabuya.
- (ii) Andizange ndimbone loo mntu.

- (iii) Ayityebanga ngako nje le nyama.
  - (iv) Msa ukwenje njalo kwedini.
5. Khetha elona gama lifanelekileyo kula abiyelweyo:
- (i) Imvula (iya na, iya netha).
  - (ii) Le ngoma ayivumayo (ayimnandanga, ayimnandi).
  - (iii) Bafu ndini lalani (kwezo nkuko, kuloo makhuko).
  - (iv) Iinkosi zilala (kwimandlalo kumandlalo) etofo-tofo'.
  - (v) UThemba use ihafe (ereyisisini, emdyarweni).
  - (vi) Amanzi (akakho, awakho) kulo mfula.
  - (vii) Iimbotyi zikholisa (ukuthandela, ukuthand'ela).
  - (viii) (Si'nda, si,nda) loo ndlu ixwebile.
  - (ix) Lo (ms'eb'enzi, ms,eb'enzi) uthi udiniwe, kukuphangela eMonti.

## UMSEBENZI 2

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:
- (a) Ukuxabiseka kwempilo nokulondolozwa kwayo.
  - (b) Iintaka nemikhwa yazo.
  - (c) Incoko phakathi kwenkabi yehafe nenkabi yenkomo ngempatho yomnini-zo.

## OKANYE

Uyihlo useKapa mbalele umxelele ngesivuno salo nyaka.

2. Umntu onelunda emqolo kuthiwa "sisifombo". Xela ke ezi zinto zichaziweyo:
- (i) Uluthi lombona olomileyo.
  - (ii) Apho kubulelwa khona.
  - (iii) Ubisi olusengwa enkomeni entsuku ntathu izele.
  - (iv) Imazi efelwe lithole kodwa isasengwa.
  - (v) Indawo eqala ukulinywa.
  - (vi) Isilonda esiphakathi kweenzwane.

- (vii) Iincam zeenzwane.
- (viii) Izihlangu ezigugileyo.
- (ix) Imazi engehliسيو.
- (x) Inxhowa eyenziwe ngemizi.

3. Sebenzisa la magama alandelayo kwizivakalisi:—

ifusi, imfusi, ikhwange, isitha, umphehluli, izapholo, ibabalaza, ibande, ubende, isibande.

4. Intsimi esandula ukuvunwa “lidiza.” Ziinto ni ezi?:—

Udladla, izala, isikrweqe, umdlezana, indlezane, isiswenye, ugadla, igxwemu, ipuni, intanyongo, ixhoba, ixhwele.

5. Sithi imfumba yeenkuni eziza kuthwalwa entloko “yinyanda.” Yinto ni imfumba?:—

- (i) Yeendiza zombona entsimini.
- (ii) Yamatye aphoswa ngabahambi.
- (iii) Yombona oqitywa ukuvunwa.
- (iv) Yomgquba omdala ebuhlanti.
- (v) Enkulu yeenkuni zokuβasa ezibekwe ecaleni kwendlu.
- (vi) Yenchabotshiweyo.
- (vii) Yeenkuni ezinameva.
- (viii) Yomhlaβa ombiwe yintuku.

6. Iqela leegufa sithi ngumhlambi. Yinto ni na iqela?:—

- (i) Labantu.
- (ii) Leembovane ezibomvu ezilumayo.
- (iii) Leenyosi.
- (iv) Leentaka.
- (v) Lamadoda okulwa.
- (vi) Labahambi abahamba nenkosi.

## UMSEBENZI 3

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Amadoda amaβini eyaseWesile neyaseTjhetjhi aphi-kisana ngeenkolo zamahlelo awo. Yaakha ingxoxo ngawo.
- (b) Ukhetha ukuβuchitha phi na ubomi βakho, edolo phini nokuβa emaphandleni?  
Nika izizathu ezivakalayo.
- (c) Iikhonsathi eziqhutywa uβusuku βonke ngaba zilungile na kwimpilo yaβantwana?

## OKANYE

- (d) Phendula incwadi obe uyibalelwe ngumhlobo wakho ekucela ukuβa niye kuchitha impela-veki kowaβo.

2. Vala izikhewu ngokunika aβachasi βala magama anemigca ngaphantsi:

- (i) USipho *liciko* kodwa uThemba li ———
- (ii) Le mela *ibukhali* kodwa eli zembe li——
- (iii) Hlala kwelo litye *liqaba* mna ndiza kuhlala kweli li——
- (iv) Ndithanda inyama *etyebileyo* kune——
- (v) Nditya inyama *evuthiweyo* kodwa yena utya e——
- (vi) *Chola* iimbotyi mna ndiza ku—— inkunkuma.
- (vii) Uthi *esemva* abe e——
- (viii) UNozizwe yintombi *yamaphelo*, yena uNomsa yeya——
- (ix) Kukho iindlela ezimbini enye *ibanzi* enye i——
- (x) Ulwandle luya *zola* emini kodwa lukholisa ngoku—— emalanga.

3. Seβenzisa la magama kwizivakalisi ngendlela eya kucacisa ukuβa uya yiqonda into ayithethayo:



ukudada, ukuquba; ukulala, ukunqhenqha; ukufundekela, ukungxola; ukulola, ukubaza; isela, itutu; ukusela, ukuphunga; umthunzi; isithunzi; isanuse, itola.

4. Khetha elona gama lifanelekileyo kula abiyelweyo:
  - (i) (Sisidenge sisiphuku-phuku) esifumana sithethe.
  - (ii) Imbiza ivuthiwe kufuneka (uphake, uthulule).
  - (iii) Ubusela yinto (elihlazo, elisikizi).
  - (iv) Makwedini dimbazani (ihasa, isangozi) phaya esiseleni.
  
5. Bala amagama antsingiselo inye nala alandelayo:
  - (i) jweda.
  - (ii) qavile.
  - (iii) isazi.
  - (iv) isiyatha.
  - (v) thetha.
  - (vi) isikizi.

Wakuba uwabalile wascenzise kwizivakalisi.

#### UMSEBENZI 4

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:
  - (a) Amadoda amabini aphikisana ngokungalungi nokulungakoncitshiso lwemfuyo kumazwana amiwe ngabaNtsundu.
  - (b) Imini endayichitha kwidolophu enkulu.

#### OKANYE

Ube ukhwele kuloliwe waza walahlekelwa yimpahla yakho. Balela umphathi sitifi ubuzise ngayo.

2. Xela izandi ezenziwa zezi zinto zilandelayo. Umzekelo:  
Sithi ibokhwe iya khala:

- (i) Umntu xa agwadileyo.
- (ii) Izinja xa zivalele inyamakazi emnxhunjeni.
- (iii) Izinja xa zibona isela.
- (iv) Iintaka ekuseni.
- (v) Amanzi xa sel'eza kubila.
- (vi) Imazi yenkomo xa ifuna ithole layo.
- (vii) Izulu.
- (viii) Umntu oleleyo.
- (ix) Iinyosi xa zisendlwini yazo.
- (x) Iramba xa linyathelwe emsileni.

3. Khetha igama elifanele ukusetyenziswa nesivakalisi kula abiyelweyo:

- (i) Umoya uya (vuthuza, uya gqutheza).
- (ii) Wanduluka (ukukhala, ukulila) kweenkuku.
- (iii) Incha eyomileyo xa kuhanjwa kuyo iya (rafaza, iya fixiza).
- (iv) Ingonyama iya (gquma, gragrama).
- (v) Umntu ogulayo ukholisa (ukuncwina, ukukhala).
- (vi) Isichotho (siya vuthuza, siya ruβα).
- (vii) Iinkomo (zigxwala, zikhonya) emswaneni.

4. Sithi inkuku xa ihleli emaqandeni ifukamile. Gqibezela:

- (i) Umntu xa ehamba ngezandla neenyawo uya—
- (ii) Imazi xa iza kuzala iya—
- (iii) Imazi yenkomo eyintsengwanekazi iye—
- (iv) Emva kweeveki ezintathu inkuku iyawa—  
amaqanda ayo.
- (v) Xa kungeniswa intonjane abafazi bay—

5. Sithi inkomo imnyama "tshu". Gqibezela:

- (i) Amazimba abomvu—
- (ii) Incha iluhlaza—

- (iii) Ikhephu limhlophe—
- (iv) Umkhenkce ubanda—
- (v) Oku kutya kubanda—
- (vi) Eli yeza likrakra—
- (vii) Olu khuni lome—
- (viii) Ndakumlekuza ngenduku wacimela—
- (ix) Le ngufo imanzi—
- (x) Izulu lizole—

### UMSEBENZI 5

1. Bala ngenye yezi ntloko:

- (a) Mhla wasukelwa ngabantu ongabaziyo ebusuku.
- (b) Izimbo zeenyoka ozaziyo.

#### OKANYE

- (c) Balela uGqira wesithili umcele aze kuxilonga umntu ogula kakhulu.

2. Sithi “Yinyoka nesele” GqiBezela:

- (i) Umtya ne —
- (ii) Inkungu ne —
- (iii) Ilitye ne —
- (iv) UMbo no —
- (v) Intlaka ne —
- (vi) Isidanga ne —
- (vii) Isanga ne —
- (viii) Imbiza ne —
- (ix) Impakatha no —
- (x) Umlisela no —

3. Sebenzisa kwizivakalisi onke la magama akumbuzo ngasentla.

4. Yaakha igama elinye ngokusebenzisa la ahamba ngama-bini.

Umzekelo:—Ukusenga—ukubeka:—intseng' ebeka:

- (i) Ukujama—inkungu.
- (ii) Ukuβona — ukwenza.
- (iii) Ukufa — ukuphiwa.
- (iv) Ukuthi gqada — umbeko.
- (v) Ukuhlaβa — inguβo.
- (vi) Ukulonda — ikhaya.
- (vii) Ukuthwala — indwe.
- (viii) Ukunxiba — umxhaka.
- (ix) Ukufa — inkungu.
- (x) Indaba — umlomo.

5. Sebenzisa kwizivakalisi igama ngalinye kula magama uwakhileyo kulo mbuzo ungasentla.

## UMSEBENZI 6

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Eyona ncwadi ndiyithandayo kweendakha ndazi-funda.
- (b) Isichotho.

## OKANYE

Balela umhlobo wakho okwesinye isikolo umcele aze kufunda kwesi sakowenu.

2. Sithi wathi balulu amehlo.

Vala izikhewu:

- (i) Loo mfo wathiwa — kukufa.
- (ii) Inyoka yamthi — elunyaweni.
- (iii) Ipolisa lamthi — ngokwentethe loo tsotsi.

- (iv) Iintaka zathi — entsimini.
- (v) Wasuka wee — phambili.
- (vi) Loo ndoda ikhohlakeleyo yamthi — ngamehlo abomvu.
- (vii) Usathe — kwayisekazi.
- (viii) Loo mntu sele efile mthi — ngengufo.
- (ix) Sancokola, sancokola wesuka wee — bubuthongo.
- (x) Ubile —

3. Khetha elona gama lifanelekileyo kula abiyelweyo:

- (i) Walala wathi (yoyi, bam).
- (ii) Wawa wee (baxa, tyumbu) eludakeni.
- (iii) Wavuka wee (khwaphu, tywa).
- (iv) Wajonga wathi (ntfo, kɾwaqu) enkalweni.
- (v) Wakhamisa wee (nkebe, nkenye) umlomo.
- (vi) Yatfha yathi (lothe, loxe) loo ncha.
- (vii) Wathi (dyumpu, bodo) emanzini.
- (viii) Umvundla ulala uthe (ntfo, nta) amehlo.

4. Sebenzisa kwizivakalisi:

Junqu, dyibi, vive, mbende, nqa.

5. Khetha elona gama lifanelekileyo kula abiyelweyo:

- (i) (Yo! Yeha ke!) azi aaba bantwana bogcinwa ngubani na befiywe nguyise nje?
- (ii) (Ha! Tyhu!) ukuBa mnandi kwale pesika.
- (iii) (Yhu! Awu!) atfhona amadoda akowethu.
- (iv) (Hayi, Ewe!) ukufanelana kwabazalanayo.
- (v) (Nxhatfhi! Halala!) kuya tshatwa namhla.
- (vi) (Hanewu! Yo!) nkomo zikaNgwanya kaMajola.

## UMSEBENZI 7

1. Bala ngenye yezi ngongoma zilandelayo:

- (a) Elokifini — abantu belele — ingxolo —  
Iqela lamapolisa. Yenza ibali.
- (b) Ukobunzulu ubuthongo ngobunye ubusuku uve  
kukhwazwa, “Umlilo! Umlilo! Umlilo! Xela ukuba  
kwakuthe ni na.
- (c) Mhla ndaphantsa ukubulawa yinkunzi yenkomo.

2. Sebenzisa kwisivakalisi iqhalo ngalinye ngendlela ecacisa  
ukuuba uya lazi into eliyithethayo.

Umzekelo: ukuzityanda igila:

Akukho mntu unokuzityanda igila ngomcimbi osel'  
usezandleni zamapolisa:

- (i) Mhla amahafe aphuma iimpondo.
- (ii) Ukwanda kwaliwa ngumthakathi.
- (iii) Intaka yakhela ngeentsiba zenye intaka.
- (iv) Isikhuni sibuya nomkhwezi.
- (v) Indaba yotyelo ayikholi.
- (vi) Ukuhlinza impuku.
- (vii) Inyoka nesele.
- (viii) Umvundla uzeke indlela.
- (ix) Umcephe ucandiwe.
- (x) Inkal' ixing' etyeni.
- (xi) Akukho nkanga idubul' ingethi.

3. Xela into ethethwa liqhalo ngalinye kula alandelayo.

Umzekelo: Imbila yaswela umsila ngokuyalezela.

Ukuba ufuna umsebenzi wakho uphumelele zenzele  
ngokwakho.

- (i) Isaala kutyelwa sibona ngolophu.
- (ii) Isisila senkuku sibonwa mhla ligquthayo.
- (iii) Umdudo woononkala.

NOT REVISU  
NOT EAO 20  
YX281

- (iv) Ukholwe yeyokosa.
- (v) Amaphuthi ahlathi linye.
- (vi) Iqaqa aliziva kunuka.
- (vii) Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.
- (viii) Inyathi ibuzwa kwaBangaphambili.
- (ix) Deda mhlalala endaweni yenyhwagi.
- (x) Inqweme lenkawu lidliwa babini.
- (xi) AzimntakaNgqika.

4. Bala amaqhalo asetyenziswayo esukela kwimikhwa kwizimbo, okanye kwiinkolo ezinxulumene nezi zidalwa.

Imbabala, ixhwili, impuku, intulo, ihofo, imbovane, inkala.

Umzekelo: Umvundla—Umvundla uzek' indlela.

5. (a) Bala amagama eenyanga zomnyaka.
- (b) Kungani na ukufo iinyanga zinikwe la magama?
- (c) Bala kakuhle le mihla ilandelayo:  
1/2/51, Owe 2, kweyomQungu 51, 2, Mnga, 1951.

## UMSEBENZI 8

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:
- (a) Intlalo yekhaya elimelene nelakowethu.
- (b) Imazi yenkomo ibalisa ngembalela.

### OKANYE

Balela utitfhala omkhulu umxelele ukufo akuphumeleli ukuza esikolweni.

2. Bathi ni na ukubizana aaba bantu balandelayo?  
(Umzekelo: Unyana kuYise = Bawo, Tata)
- (i) Umntwana kuyise kayise-mkhulu.
- (ii) Indoda kunyana wonyana.

- (iii) Indoda kunyana wodade wayo.
- (iv) Umntwana kumnakwaḅo-nina.
- (v) Indoda kumyeni wentombi.
- (vi) Umninawa kumfazi womkhuluwa.
- (vii) Intombazana kudade wayo omncinane.
- (viii) Umfazi kudade ḅondoda.
- (ix) Indoda kumfazi wonyana.
- (x) Indoda kumnakwaḅo nkosikazi yayo.

3. Vala izikhewu: Umzekelo: Ukulunguza  
(Ukulunguza umkhuhlang.)

- (i) Inkathavu ye —
- (ii) ——— wecuḅa.
- (iii) ——— umsundulo.
- (iv) ——— amaziḅuko.
- (v) ——— yesela.
- (vi) ——— ugodo.
- (vii) ——— amaziko.

4. Sithi: (a) mhle kakhulu; (b) ulivila kakhulu.

Kodwa ukuḅa siya thanda singathi: (a) akamhle nje; (b) akalivila ngako. Bala ke ezi zivakalisi zilandelayo ngale ndlela yokubala ngezafobe:

- (i) Le mbongolo itsala kakhulu.
- (ii) Ndiyithanda kakhulu inyama.
- (iii) Ndiḅuhlungu kakhulu malunga nale nto.
- (iv) Lo mfo unomsindo kakhulu.
- (v) Uḅaleka kakhulu.

5. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi ngendlela eya kucacisa ukuḅa uya yiqonda into eliyithethayo:

uzwathi, izothe, isiyunguma, inyatyhoḅa, ixhwitha-ntamo, umxakatho, umwehla, umtyukatha, intothololo.



## UMSEBENZI 9

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Amanenekazi amabini ancokola ngeeiokhwe aya kuzinxiba kumtshato amenywe kuwo.
- (b) Mhla ndadiwana nootshotshi kwesikabadakazi.

## OKANYE

Balela umza wakho umbalisele ngeholid e obe uyichithe edolophini eselunxwemeni lolwandle.

2. Funda ngenyameko esi sicutshulwa uze emva koko uphendule imibuzo engezantsi:

Akuḅa evelele loo nkenkewu yeliwa ekuthiwa ngu-Dikela, uthene gaga neḱamncwa elixhonti. Nokuya waye engemfo unentaka wasuka wafiywa ngumbilini lakumthi jezu ngaloo mehlo atshawuz'imbane. Wahlehla kuhle waza waḱola udini lwakhe kwikhohlombe awayeli-xwayile.

Akuḅa eluḱolile wathi vu phantsi, waza wakhasa esinga kwikamncwa elo. Lithe lakumbona landweba, lathimla, lagquma, laza lagqotsa. Waqala ke wavuya umdunomkhulu, wanqula izinyanya zakowabo.

- (a) Chaza into ethethwa ngala magama: inkenkewu, ikamncwa, ixhonti, akuthana gaga.
- (b) Umfo onentaka ngonjani?
- (c) Kukuthi ni: (i) ukukhasa; (ii) ukugqotsa; (iii) ukufiywa ngumbilini.
- (d) Leenza nto ni na ikamncwa lakumbona?
- (e) Kwakuthe ni na aze anqule izinyanya?
- (f) Wathana gaga phi nekamncwa umfo lowo?
- (g) Kwakuthe ni ukuze afiywe ngumbilini?
- (h) Luhlala enini na udini?
- (i) Lamjonga ngamehlo anjani ikamncwa?

3. Bala ngokucacileyo yonke into ethethwa ngumbali kulo mhobe.

### IINTAB'EZIKUDE

Ntabana zikude zingamasithela  
 Ndikhangela kuzo ngentliziyo iphela.  
 Ntabana zikude, ntab'ezimzingizane.  
 Ndul' ezinamandla, ndul' ezimbizane  
 Uqonda ngani na ukuBa le ndlela yeyona.  
 Ntabana zininzi zisinga kwa khona.  
 Caleni lendlela ndichole intyatyambo  
 Engathi emehlweni yimbew'alo mhlaBa.  
 Nje ngoko ndihamba nempepho ngokwayo.  
 Imnandi iBuBomi, ichitha uBano.

4. Kukuthi ni:

- (a) UkuBa nonyawo?
- (b) Ukumisa iinyawo?
- (c) UkuBa neminwe emide?
- (d) Ukugxwal' emswaneni?
- (e) UkuBeka iintonga phantsi.
- (f) Ukutshona kwiintaba zonandiphiso.
- (g) Ukukhasela eziko.
- (h) Ukuthwala impumlo.
- (i) Ukuhla nomcinga.
- (j) Ukom' amathe.

### UMSEBENZI 10

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Imini owayichitha ubukele umdlalo weqakamba.
- (b) Balisa ngephupha lakho eloyikekayo.

### OKANYE

Balela umhlobo wakho olele esibedlela.

2. Bala igama elifanele ukusetyenziswa kula abiyelweyo:
  - (i) (Naanziya, naaziya) iinkosi zisinga emThatha.
  - (ii) (Nguwuphi na, ngowuphi na) umntu owenze le nto?
  - (iii) Uvela (kweyiphi na, kuyiphi na) ilali?
  - (iv) Wafa (ngokuphi na, ngakuphi na) ukufa?
  - (v) Valani (amazubuko, amazibuko) naal' isela. lixhela (inkuku, igufa) yam.
  - (vi) Ma singayi esikolweni kuba izulu (lisubekele, lisibekele).
3. (a) Bala ngamazwi:
 

25,000 : 500,000 : 6,103; 478.
- (b) Sebenzisa la magama kwizivakalisi:
 

amava, amavo; intlombe, ihlombe.
4. Sebenzisa igama libe linye endaweni yala abiyelweyo:
  - (i) Lo mfo ukhwele (ihafe elingenayo, nelingenamendu).
  - (ii) (Umntwana othabatha ixefa elide ukuBa ahambe) umthwalisa nzima unina.
  - (iii) U Noneli (ngumfazi osand' ulukuBeleka).
  - (iv) U Sanayi (ngumfana osand' ulukuphuma esuthwini).
  - (v) Lo mntu (unobuBele kakhulu).
5. Bala igama elichasene nelinomgca ngaphantsi:
  - (i) UZalila *yintsengwanekazi* kodwa uNdancama si—
  - (ii) UNojaji uya *cola* kodwa uNofayile u —
  - (iii) Intombi *elihomba* yenda kuqala kuneli —

## UMSEBENZI 11

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:
  - (i) Amalungelo esiwaziselwe yimfundo.
  - (ii) Isiziba siviwa ngodondolo. Yenza ibali elicacisa ubunyaniso beli qhalo.

- (iii) Bala isincoko esiphela ngala mazwi. "Andisayi kuze ndimlibale loo mfo ngokundihlangula kwingozi endandikuyo.

### OKANYE

UNosilara wedolophu ohlala kuyo ukuthumele inyama engalungile ngomnye umhla. Mbalele usenza isikhalazo ngale nto, ubonakalise nohlobo eyayingalungile ngalo inyama leyo.

#### 2. Vala izikhewu:

- Umzekelo: Wasebenza — ukuze aphumelele = nkqi:
- (i) Akuyibona ingonyama wabaleka —
  - (ii) Wafika ndihleli —
  - (iii) Emva kweentsuku ezintathu inyama yanuka —
  - (iv) AkuBa ebubile umnini — mzi imfuyo yaphela —
  - (v) Ekubuyeni kwayo emasimini indoda yalala —
  - (vi) Eli bolosa libole —
  - (vii) Wathi akungxola kwee —
  - (viii) Amakhalipha ema — kwelo dabi.
  - (ix) Ipolisa lema — ngasesangweni.
  - (x) Imvula ina —
  - (xi) Wawa — phezú kwelitye.
  - (xii) Wahlala — eludakeni.

#### 3. Yenjani na?

- (i) InkaBi ewaBa?
- (ii) Imazi encokazi.
- (iii) Ibokhwe egambu.
- (iv) Inja enqugwala.
- (v) Inkomo elunga.
- (vi) Imazi ewasakazi.

4. Vala izikhewu ngokunika abachasi bala magama anemigca ngaphantsi:

- (i) *Inyaniso* ilungile kuno ———
- (ii) *Isidenge* siyaakha entlabathini indlu yaso; sona i—— siyaakha kumhlaba owomileyo.
- (iii) *Lusizi* emhlabeni xa kuphuma umphefumlo kodwa ——— ezulwini.
- (iv) *USipho* yinkweli ehafeni akafumane awe nje ngo-Ndlombose oli ———.
- (v) *Inkuthalo* iya phumelelisa kuno ———.

5. Sebenzisa la maqhalo kwizivakalisi ngendlela eya kucacisa ukuBa uya yazi into ayithethayo:

- (i) Ukuhlinza impuku.
- (ii) Ukubetha ngemfe iphindiwe.
- (iii) Ibongo lingaba likhulu umbombo uya qhoja.
- (iv) Isityeba-mva siqola intaba.
- (v) Ukuza kukaNxele.

## UMSEBENZI 12

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Mhla ndabaqa isela lisiiba iigufa.
- (b) Ootshotshi.
- (c) Ukhetha buphi na ubomi obasedolophini nokuba obasemaphandleni?

### OKANYE

(d) Ulahlekelwe lihase lakho. Balela amapolisa.

2. Funda ngenyameko wandule ukuphendula imibuzo:

Bafikile abafu, iinto ezintandathu zec thande enkundleni phaya, kanye xa zibuya intlazane iinkomo. Kube kuphithizela abantu nabantwana phakathi komzi apha, koko akukho ubase so, nabo bahlala zole bemana betsala kuphondo lukaHintsu.

Kude ngelingeni kweza umfana kuBo wabuza ukuBa bangabantu baphi na befuna nto ni na. Amadoda la athe abetha entloko ngokuthi ahambele egqirani uMadliwa—zibawu.

Akubanga kudala umfana ephindele endlwini lavela igqirha lise lindolosa, lifuna undikho, lathi vu phantsi langena emxholweni,

“Igqirha nguNojenti”

“Siya vuma, phosa ngasemva, phosa ngasemva, siya vuma”.

Yaba iya phela indaba, anduluka amadoda agoduka. “Ngenene lo mfo uligqirha.” Uvakele omnye esitjho kwaabo bafu xa bagodukayo.

- (a) Kukuthi ni ukutsala kuphondo lukaHintsa?
- (b) Kukuthi ni ukuphosa ngasemva?
- (c) Bafika bahlala phi aaba bantu?
- (d) Babeze kwenza nto ni?
- (e) “Koko akukho ubase so”. Kukuthi ni oko?
- (f) Lathi ni igqirha ukungena kwalo emxholweni?
- (g) Bafika xefa ni na abafu aabo?

3. Nika igama elinokubunjwa kula alandelayo:

(Umzekelo — Ukuliza = ilizo)

- (i) Ukulonda.
- (ii) ukuloza.
- (iii) ukuloqa.
- (iv) Ukumela.
- (v) Ukumatha.
- (vi) ukutya.

4. Chaza into ethethwa leli gama “ukulala” kwezi zivakalisi:

- (i) Ndalala ngendlala.
- (ii) Ulele gendlu.
- (iii) Impahla ilele kulaa venkile yomnu. Mxolisi.

- (iv) Wakhanyela walala ngomqolo.
- (v) Itfhoḅa lilel'umbethe.

5. Nika imibuzo engaphendulwa ngezi zivakalisi zilandelayo:

Umzekelo: Ndifike kusasa — Ufike nini na?

- (i) Kwenziwe izithebe ezihlanu.
- (ii) Le nkuku imnyama khaca.
- (iii) Lo mfo wenzakalise umntwana ulapho endlwini.
- (iv) Ndiya kukunika ifumi leeponti.
- (v) Loo ncwadi ndiyifumene ngomVulo.

### UMSEBENZI 13

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Ebusika.
- (b) Ibali eligqibela ngala mazwi:  
“Andisayi kuze ndibulibale ubukḡoti baloo nkosi-kazi”.

### OKANYE

Ngenxa yempilo enkene-nkene sele ugqibe iiveki ezine kumzana ophezu konxweme lolwandle. Balela abazali bakho ubabalisele ngentlalo yakho apho.

2. Bala le ngxoxo ilandelayo ngendlela efanelekileyo, ulungise zonke iziphoso, uze ufakele iimpawu zokunqumama apho kufanelekileyo:

Uthenina lothixo uhamba ngemali mntakabawo kwelo ke uthetha ngokomntwana akukhonto inexasiso ingamdliyo umnini kuyenza umfoozekintombi uyalobola ethenga uthando ukuxolelwa kweezono zethu kwathengwa ngenkomo exabiso likhulu unyana kathixo owenziwa

idini ngenxa yethu onke amadoda amakhulu ayeyazi le nyaniso uthi udavide eza kuphiwa ngesisa impahla yedini hayi ndiyakusithenga ngexabiso kuwe andiyikunyusa ndise kuyehova uthixo wam amadini anyukayo endiwa-zuze ngelize.

3. Vala izikhewu:

- (i) Umbona uvuthiwe ngoko ma siye emasimini ukuze siziphekele i—kuBa asinakumosa ebusika.
- (ii) Le mazi iya — ifuna inkonyana yayo.
- (iii) Olu sana lukhawulezile ukuhamba kuBa ndilugqibele lu — kule nyanga ifileyo.
- (iv) Le mazi i — itjho lizale ithunga.

4. Bala ngamazwi akho into ethethwa kulo mhobe ulandelayo:

IKATI YAKOWETHU

Ikati yakowethu ngumhlobo nezingwe.  
IJamncw' ingonyama elimgqumo mkhulu.  
Kumkani wezilo, ngumhlobo kwa kuyo.  
Ekanti nakuthi le kati ngumhlobo.

Kha ukhangele, naantso iphum' izingela.  
Ayenzi yeyeye lamgqumo nangxolo.  
Kha ujonge nje kodwa la mehlo atsolo,  
Naantso ilindele ijonge ixhoba.

Nto inye ilawulayo phakathi engqondweni  
Izam'ukubamba, izuze, yanele.  
Khangela! Yatsiba, xhakamfu, kwaphela!  
Yamkele, yanele, Ubomi ngumzamo.



## UMSEBENZI 14

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Iindlela ngeendlela zokuthintela ukhukuliso lomhla-  
ba.
- (b) Xa nanidlala esikolweni ngomnye umhla, omnye  
umntwana wawa phantsi, waphuka ingalo. Xela  
onke amatile-tile enawenzayo.

## OKANYE

- (c) Izinja zomzi omelene nawo ziphikele ukuuba ama-  
qanda eenkuku zakho. Balela umnini-zo umxelele  
ngaloo monakalo.

2. Fundisisa esi sicutshulwa wandule ukuphendula imibuzo  
engaphantsi:

Uthi ni? Uthi uya kumka kuwe umntwana oqeqefwe  
ngolu hlobo? Uthi uya kuhamba ukuze aphawe ukutya  
ngabanye abazali? Unyanisile angayenza loo nto;  
baye bekho noonozala abakhohlakele ngolo hlobo loku-  
ba bavuyele ukuqhabalakana komnye umntu nabantwana  
bakhe. Kulungile ke myeke aye kubo. Ukuba izinyo  
libolile ma likhutshwe emlonyeni, lingahlali ukuze lona-  
kalise namanye. Uya kuhamba loo mntwana wakho  
aye kuhlala naloo mntu ukhohlakeleyo, kodwa kholelwa  
xa ndithi, kuya kukufuqulana kungekabi phi babuye baze  
kugxekana kwa kuwe kuba ayikho into yokunyamezelana  
kwabantu bekhohlakele bobabini. Ukuba uya baca,  
myeke aye kufa. Kumlungelwe kanye ukuba ma kafe,  
ungasindayo nje umphefumlo wakhe xa athe wafa esen-  
gako kunokuba akhule ngesiqu nangezoono afe ehleli, ufe  
nomphefumlo wakhe. Ubona sinje nje nje isizwe ukona-  
kala kukungaqeqefwa kwabantwana besebancinane ukuze  
athi loo mantombazana naloo makhwenkwe akukhula

abe ngabantu abangaqeqefekanga abantu abakhohlake leyo ke ngoko.

Yintsomi maXhosa, ukuBa umkhonto lo, intsimbi le, iya kuze ilungise isimilo somntu. Nditsho namhla nje ndiya kufa ngomso, kodwa le nyaniso ayisayi kuze ife. Sakha sathi esinye isilumko kusakuBuzwa ixefa angaqeqefwa ngalo umntwana, sathi ma kaqeqefwe engekazalwa. Loo mazwi athwele ubulumko obukhulu konengqondo yokububona.

- (a) Ngumntwana oqeqefwe ngayiphi na indlela ekunokuthi kube kho uloyiko lokuBa angemka kowaBo?
- (b) Oonozala abakuvuyelayo ukuqhabalakana komntwana nabazali bakhe babonakalisa ngokwenza nto ni?
- (c) UkuBa umntwana oziphethe kakubi akohlwaywanga ngokufanelekileyo, uya kwenza nto ni kwabanye abantwana?
- (d) Sebenzisa elinye igama endaweni yeli. "Ma likhutshwe".
- (e) Yinto ni na eya kuBangela ukuBa aaba bangahlali kunye ixefa elide:— umntwana obalekele kowaBo nalowo abalekele kuye?
- (f) Kukuthi ni ukubaca?
- (g) Yinto ni engabangela umntu "afe ehleli?"
- (h) Ukonakala kwesizwe kunokunqandwa njani na?
- (i) Nguwuphi na lo mkhonto kuthiwa yintsomi ukuBa unokulungisa isimilo?
- (j) Yiyiphi na inyaniso "engasayi kuze ife"?

### 3. Vala izikhewu:

- (i) Inkuku yam ibe inamaqanda alifumi yaza ya — amahlanu.
- (ii) Mbi lo mnqhufo uwuyeke we — ngokungawuba-seli ngokwaneleyo.

- (iii) ——— zamankonyana zenza izitshanguba ebusweni.  
 (iv) Iwu! yeyele ng ——— madodana, kha nize sikhe si ——— imilomo.  
 (v) Betha ithole ndisenge ngathi ——— ngoku nje le mazi. Ndakugqiba ukusenga ndovumela amakhwenkwe aanye ———.  
 (vi) Ze nithi xa niza kuwela kweli ——— nihlambe ubuso, nilole ——— ukuze iinyawo zenu zibe ntle, nifike emzini nibahle.  
 (vii) Ndiwubasile lo mlilo kodwa ukuaba aku ——— uya kucima.  
 (viii) Lo mntwana ukhuliswe ndim, ukuaba uya mfuna rola ——— kungenjalo ndofumana inkomo kwi ——— aya kulotyolwa ngalo.  
 (ix) Kha u ——— lo mnxhuma ngomhlaba ukuze ungasenzakalisi ebusuku:

4.

## INYIBIBA

Ndayibona izifihla,  
 Enqabeni ezixhotyeni,  
 Ngaphakathi kwamalwalwa.  
 AmaBini, iqaqambile.  
 Hayi obo buhle!

Izityalo ezithile,  
 Zaye zimi zijikele;  
 Yayiphakamisa leyo  
 Ntloko yayo imhlophe mthubi  
 Nje ngetshawekazi.

Yema ithe zole cwaka,  
 Leyo ndebe ibukhephu,  
 Yayimsulwa kolo hlanga  
 Lwayo, im ' iyimfezeko,  
 Inyibiba entle.

Loo magqabi asixwexwe.  
 Achokozwe busiliva.  
 Ephuphuma kukuphila  
 Ayekratja ngemveliso.  
 Yobo bomi bawo.

Kwa nothuli oluphantsi,  
 Nokhulan' olukufuphi,  
 Lwema ngathi luya nqula.  
 Loo nzwakazi yasezindle.  
 Inyibiba cntle.

Yayibonwe ngala mehlo,  
 Yathokoza intliziyo;  
 Kwaakho ukufudumala  
 Endingekuchazi mhlana  
 Ndabona loo nzwakazi.

Ndeva isisebe-sebezo.  
 Emazants' obume bami,  
 Zindityel' ukuthi yeyam  
 Phofu ingeyiy' ubuhle  
 Bonk' obunje ngayo.

Wa! nzwakazi yezixhobo.  
 Tjhawekazi lasezindle,  
 Obo buhle bulubisi,  
 Ndithabathekile bubo.  
 Wa! nyibiba umhle!

- (a) Cacisa ngamazwi akho into ethethwa kulo mhofo ungasentla.
- (b) Chaza intsingiselo yezi ziqwenga:  
 Isandla semantyi, ndiphe isandla, unesandla esihle,  
 unesandla eside, ukubamba isandla.

5. Sithi wathula wathi tu. Gqibezela:

- (i) La matyathanga aqhawuka athi ———.
- (ii) Kuthe ni na ukuba usuke ukhulule uthi — yonke into oyinxibileyo?
- (iii) Watsiba wee ——— phaya akothuswa yinja.
- (iv) Eli vila lomfazi lahlala lathi ———.
- (v) Walwandlala waluthi ——— olo khuko.
- (vi) Uthe akugalelwa ngamanzi esebuthongweni wawathi ——— amehlo.
- (vii) Le nkabi iyihlabe yayithi ——— le nkunzi yenkomo.
- (viii) Asuka amathambo am athi ——— kukuBa buthathaka.
- (ix) Busuke bathi ——— uBuso bakhe ngamaqhakuva.
- (x) Namhla nje siza kufunda sithi ——— kule ndawo.

### UMSEBENZI 15

1. (a) Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

“Ungakhwazi usesehlathini”.

(b) Balisa ngephupha lakho eloyikekayo.

#### OKANYE

(c) Ulahlekelwe zizihlangu kuloliwe. Balela umphathisitifi uBuzise ngazo.

2. Igama ngalinye kula alandelayo lingaaneentsingiselo ezimbini, okanye ezintathu. Sebenzisa igama ngalinye kube kabini kwisivakalisi ngendlela eya kucacisa oku.

(Umzekelo: Ukugalela).

- (i) Galela amanzi embizeni.
- (ii) Bafo ndini thabathani iintonga zenu siye kugalela iintaka.  
Iphaphu, ilifa, iwaba, isixhaxha, ukundila, ukuzeka.

3. Xa sithetha ngabantu singathi:

“Naabaya abantu”.

Bala esi sivakalisi kahlanu usebenzisa la magama alandelayo endaweni “yabantu”.

Iminga, ulwandle, izilo, amatye, intokazi.

4. Vala izikhewu ngamagama afanelekileyo kwizivakalisi ezilandelayo:

- (i) Le nkomo niyithengisile — niyazi — niyibile.
- (ii) Xenxani kule ndawo — nenzakale.
- (iii) Bandisola — ndibajiya ngengqondo.
- (iv) Sebenzani ngenyameko — anisayi kuba namvuzo ekupheleni komnyaka.

5. Chaza ngokucacileyo intsingiselo yesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo:

- (a) Lala ngenxeba mfundisi umthathi uzala umlotha.
- (b) Noko lo mfo ububileyo singatjho ukuthi akuhlanga lungehlanga kuba kakade isitya esihle asidleli.
- (c) UMANDOYI wandibambisa isisila sehofo waza yena uDYALOYI wandibetha ngemf' iphindiwe.
- (d) Namhla iindonga ziwelene amadoda abila esoma.

## UMSEBENZI 16

1. Bala ngenye yezi ntloko:

- (a) Idlavu ledyasi lenza ibali lobomi balo.
- (b) UkuBa uBe usisibonda selali okanye selokifi, ziinto zini obuya kuzenza ukuqhubela phambili ilali okanye ilokifi yakho?

### OKANYE

- (c) Akusenabazali. Balela uyihlo omncinane osebenza eKapa, umcele ukuBa ahlawule imali yokufunda kwakho esinaleni.

2. Fundisisa esi sicutshulwa wandule uphendule imibuzo engaphantsi:

Xa imibele yenkomo iqhecekile kuye kuthiwe yaanyiwe yimfene yomntu, naxa inkomo kuse ifile ingaziwa into eyibuleleyo, kuthiwa, ibulewe yimfene yomntu.

Nesidiya ezinkomeni be kusithiwa sibangwa yimfene. Imfene kuthiwa ibe ifuywa ngabantu abathakathayo bayigcine bamane beyithuma ebusuku ukuba iye konakalisa izinto zabantu, ngalo ndlela ichaziweyo. Amagqwira aneemfene abekhwela zona ebusuku, azikhwele ngomlenze omnye, omnye uhambe phantsi ithi xa iphala athi, "Wophala kuhle indaw' iyehla, Wophala kuhle indaw' ychla, Wogil' abantwana".

- (i) Kungani na ukuba igqwira liyikhwele ngomlenze omnye imfene?
- (ii) Yinto ni isidiya?
- (iii) Abantu abathakathayo ngabathe ni?
- (iv) Kungani le nto imfene ingakhwelwa emini?
- (v) Ibe igcinwa phi imfene?
- (vi) Xela enye into egcinwa apho ngaphandle kwemfene.
- (vii) Kungani ukuba umnini-mfene amana ukuthi "Wophala kuhle indaw' iyehla?"
- (viii) Be kuye kuthiwe imibele yenkomo iqhekezwe yinto ni?

3. Endaweni yokuba sithi ikhephu limhlophe kakhulu, sithi "Limhlophe qhwa".

Kwezi zivakalisi zilandelayo nika igama elinokusetyenziswa endaweni yokuthi *Kakhulu*:

- (i) Le mazi yenkomo imhlophe *kakhulu*.
- (ii) Le ndoda imnyama *kakhulu*.
- (iii) Le kati imnyama *kakhulu*.
- (iv) Isikhukukazi simnyama *kakhulu*.

- (v) Ilokhwe yakhe imnyama *kakhulu*.
- (vi) Ihempe yam intfa *kakhulu*.
- (vii) Ubusuku obo babumnyama *kakhulu*.
- (viii) Iqaba lambethe iinguḃo ezibomvu *kakhulu*.

4. Sithi wathi tsii phaya. Vala izikhewu:

- (i) Wazithi — iilokhwe zakhe wazilahla phandle.
- (ii) Ihafe lathiwa — yinkunzi yenkomo emlenzeni.
- (iii) Wathi — umzimba akubaqwa yinkosi.
- (iv) Uthathe imela wathi — isihlunu esikhulu.
- (v) Lithe lakuba fufu ilanga wayithi — inguḃo yakhe emagxeni.

5. Xa sithandayo singathi le hempe “incholile” okanye “le hempe imdaka”.

Vala izikhewu:

- (i) Le nkwenkwe sidenge okanye si —.
- (ii) Le ntombi intle okanye yi —.
- (iii) Le nkwenkwe indwebile okanye i —.
- (iv) Iinkomo zam zibityile okanye zi —.
- (v) Emva kokuḃa uYesu ezelwe kwaphuma izilumko okanye — empuma-langa.
- (vi) Lo mntwana uya pala okanye u —.
- (vii) Ikḃoti okanye i — lixatyisiwe komkhulu.
- (viii) Nokokuḃa indoda ingxathu okanye i — iya thandwa kowayo.

## UMSEBENZI 17

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Ukufunda kwam ukukhwela ibayisekile.
- (b) Ibongo lingaba likhulu umbombo uya qhoḃa.



## OKANYE

Kuqhekeziwe endlwini yakowenu kwebiwa impahla. Bala ubikele amapolisa.

2. Funda esi siqendu wandule ke uphendule le miBuzo ingaphantsi kwaso:

Ngeli xefa ndandise ndiye ndavelela isitywakadi sentsunguzi ende kunenc emantla nentlambo. Noko ke ibiyindawo ethethwayo le nakuBa mna be ndingayithathe-langa ngqalelo loo nto. Ndithe ndingangenanga kuya phi entsunguzini apha, ahle andixelela amanwele ukuBa akulambathi phakathi apha.

Kwalile ukuBa ilingane ngemva nangaphambili, kwa-vakala "Tywalakaba — tywaba" etyholweni elikhulu. Ndiva "Ncazela wethu". Ndinge ndingadungudelisa, yaqokela indoda. "Mfo ndini ndithi, ncazela! Yini! usithulu?" Ndiphendule kamsinya ngokuthi "Andinacuba".

- (i) Yinto ni intsunguzi?
- (ii) Yenjani intsunguzi esitywakadi?
- (iii) Indawo ethethwayo yenjani?
- (iv) Umhambi uqonde njani ukuBa akulambathi phakathi apha?
- (v) "Akulambathi apha" Athetha ni la mazwi?
- (vi) Weva nto ni xa esembindini wentsunguzi umhambi lowo?
- (vii) Lathi ni ilizwi elaphuma ehlathini?
- (viii) Waye efuna nto ni lo mfo wathi "Ncazela wethu?"

3. Bala ezi zivakalisi uguqule amagama anomgca ngaphantsi wenze aBe ngalandulayo:

- (i) Ndandifuna iiguja zakowethu emasimini.
- (ii) Wena ufuna ingqondo yam.
- (iii) Ndifike ndabona abantu abaninzi.

- (iv) Lukukutya sakulamba
- (v) Thabatha iintonga zakho ugoduke.
- (vi) Ukuhamba kuya khathaza.
- (vii) Ndafika beduda.

4. Sebenzisa igama ngalinye ngendlela eya kucasisa ukuba uya yazi into eliyithethayo:

ixhwele, intanyongo, ivuku-vuku, ivanya, igqwaba, isigezenga, ibodlo, uduli.

5. Chaza ngokucacileyo into ethethwa leli gama "ukumisa" kwezi zivakalisi zilandelayo:

- (i) Ma simise iinyawo kulo mcimbi.
- (ii) Wamisa inkomo evenkileni.
- (iii) Misa iinkabi zingahambi mfo ndini!
- (iv) Umtjhato kaNomathemba wamiswa.
- (v) Lawu ndini! misa apho.

## UMSEBENZI 18

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Ube uthabatha uhambo ngodula-dula. Kuthe xa kuphi-phi-phi suka wabukuqeka udula-dula. Balisa konke okwenzekayo, nendlela owasinda ngayo.
- (b) Amasiko akwaNtu: ukulunga nokungalungi kwawo ngeli xesha.

### OKANYE

- (c) Balela utitjhala omkhulu wesikolo obe ufunda kuso ucele ukuba akwenzele isiqinisekiso sesimilo.

2. Kula magama abiyelweyo khetha eliya kuvana nentsingiselo yisivakalisi:

- (i) Inkwenkwezi eyandulela ezinye ngoqaty (nguCanzibe nguCel'izapholo).

- (ii) (Ngoms' obomvu, ngoqatya) savuka.
- (iii) (Isilimela, isifingo) Ma silungise amakhuba ethu sithwasile.
- (iv) (Kwesikabadakazi, ngolwemivundla) abahambi bafika se kukudala kulelwe.
- (v) (Ikhwezi, uCel'izapholo) uphuma ekuzeni kokusa.

3. Faka iimpawu zokunqumama. Kwesi siqendwana silandelayo:

uThokazi ukhe watfho kum ukuthi zisa isundu ndithe mna ndiya kuze ndibuye ndikunike isundu lakho thokazi zivakele ezinye kanjalo zisitfho ngesiqhazolo zisithi, se besazana namagama mntakabawo.

4. Bathi ni ukubizana aaba bantu balandelayo?

- (i) Indoda kumnakwabo-nkosikazi yayo.
- (ii) Umninawa kumfazi womkhuluwa.
- (iii) Umfazi kudade wendoda.
- (iv) Indoda kumfazi wonyana.
- (v) Indoda kuyise womolokazana.

5. Bala ezi zivakalisi ukuze uguqule la magama anemigca ngaphantsi uwenze abe ngalandulayo.

- (i) Nguwe lo ugqibe ukutya kwam.
- (ii) Ndive ngaye ukuha uhambile.
- (iii) Sinqumle kwihlathi elikhulu.
- (iv) Kudala sisitfho.
- (v) Zinjalo ke iimeko.

### UMSEBENZI 19

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Yinto ni na enokwenziwa ukuthintela abantwana abaselula bangawafiyi amakhaya babalekele ezidolophini?

- (b) Nibe niquba emlanjeni niliqela labantwana, waza omnye wenu waraxwa ngamanzi. Chaza indlela enamsindisa ngayo.

## OKANYE

- (c) Umlingane wakho ube ekubalele ekucela ukuba uhambe naye uye kuchitha iholide kwanina-lume elwandle. Mphendule ubeka izizathu zokokuba akuphumeleli.
2. Sithi, "Bayethe!" kuwe, wena nzwana ndini. Buhle bunje ngobakho baka babonwa phi na? Ezimakhwez' iingubo zaka zalukwa yini? Mhlobo wentyatyambo vuyo lweliso lam.

Zikho zininzi iinzwana ziinto zendalo zonke,  
Mhle umnyama nawo emva kwemvula bethu.  
Kodwa awufiki kuwe ngub' emabala onke.  
Mhlobo wentyatyambo vuyo lweliso lam.

Mahl' amafu, gqibi entjon' alanga phaya.  
Kodwa bophel' ubuhle phambi koratya olu.  
Kanti ubuhle bakho bumi bendele cwaka,  
Mhlobo wentyatyambo vuyo lweliso lam!

Cacisa ngamazwi akho into ethethwa kulo mhofo un-  
gasentla.

3. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi:  
Utolo, itola; ukuncina, ukuncwina; umthombo, isi-  
thombo; inkweli, inkwili.
4. Igama ngalinye kula alandelayo linokuba neentsingiselo ezimbini nangaphezulu, lisebenzise kwisivakalisi ngendlela eya kucacisa oku:  
ibaku, intanga, ithuba, inqhina, ixhwele, intaka, ibamba.

5. Vala izikhewu, ngokufaka igama elifanelekileyo ukhethe kula alandelayo:

qha, ngakumbi, cebetfhu, okanye, phantse, kanjako ukuBa, gxebe, kuhle.

- (i) ——— ndafela emThatha yindlala.
- (ii) ligufa zam zintathu ———.
- (iii) Banduluka ——— basinga eLibode.
- (iv) Uthi ——— ubabonile xa bayixhelayo loo gufa?
- (v) Musani ukudlala phezu kweliwa ——— niya kuwa.

## UMSEBENZI 20

1. Bala ngenye yezi ntloko zilandelayo:

- (a) Uncedo lwamaphepha — ndaba.
- (b) Mhla satyelelwa ngumvi-wezikolo. kwisikolo sethu.

### OKANYE

- (c) Balela unyoko-lume umcele ukuBa aze akuhlawulele iindleko zemfundo yakho esinaleni kumnyaka ozayo.

2. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi ngendlela eya kucacisa ukuBa uya lazi into eliyi thethayo:

- (a) al<sub>1</sub>usa, al'usa.
- (b) umz'i, umz<sub>1</sub>i.
- (c) ithang'a, ithaanga.

3. Khetha igama elimelwe kukusetyenziswa kwisivakalisi kula alandelayo abiyelweyo:

- (a) (Uphuphu, iphuphu) lwe-esile alucandekile.
- (b) Se indala le nkwenkwe kodwa iyoyika (ukoluka, ukwaluka).
- (c) (Ilis<sub>1</sub>o, ilis'o) lakhe libethwe ngelitye ngoku libomvu ngokwegazi.

## 4. Sebenzisa igama ngalinye kwisivakalisi:

- (i) Umbaleki: imbaleki.
- (ii) Ubala: isibala.
- (iii) Isithunzi: umthunzi.
- (iv) Imigido: imigidi.
- (v) Ugxa: Ulugxa.

## 5. Ezi zivakalisi, zahlukene ngeentsingiselo, Chaza ngentetho evakalayo intsingiselo yaso ngasinye:

- (i) Le ntsimi yalile.
- (ii) Andizi kutya mbotyi kuba ziya ndaala.
- (iii) Yala eli selwa size kufumana amasi.
- (iv) Uzindilile unyana wenkosi akanaxesha lokusa.
- (v) Umonde uzeka kade umsindo.
- (vi) Abafazi baloo lali basuka bazekana ngolwimi.
- (vii) Phunga iimpukane ezo zingangeni elubisini.
- (viii) Izulu liya ndila ngathi iza kuna imvula.
- (ix) Phunga iti le iza kude iphole.

28 FEB 1959

